



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD



ISISHWANKATHELO SESIKHOKELO SOMTHETHO WAMANZI SIKAMASIPALA WESIXEKO SASEKAPA

Le ncwadana ikunika isikhokelo esishwankathelweyo soMthetho kaMasipala waManzi ka2010 kunye nohlaziyo loMthetho kaMasipala oLungisiweyo ka2018. Ijolise ekuphuculeni ukuqondwa ngakumbi kwalo mgaqo obalulekileyo kubo bonke abahlali, abanini bezakhiwo, iiplamba, abakhi kunye neengcali kwezokwakha kwisiXeko saseKapa.

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

ISIQULATHO

- 04 Yintoni uMthetho kaMasipala waManzi?
- 06 Into ekufuneka wonke umntu ayazi
- 10 Abanini bezakhiwo
- 14 Iiplamba
- 16 Iingcali kwezokwakha
- 18 Iiplamba, abakhi kunye neengcali kwezokwakha


YINTONI UMTHETHO KAMASIPALA WAMANZI?

UMthetho waManzi kaMasipala wesiXeko saseKapa luxwebhu olusemthethweni oluchaza yonke into emalunga nokusetyenziswa kwamanzi okusela kunye namanye amanzi asesiXekweni.

Ukusuka kwimigaqo yokufakela amatanki okugcina amanzi, uMthetho kaMasipala wazisa abahlali, abanini bezakhiwo, iiplamba, abakhi kunye neengcali kwezokwakha malunga nendlela abanokuthi basebenzise ngayo amanzi ngokubanzi, ukusetyenziswa kwezixhobo eziqinisekisiweyo namanyathelo ekufuneka athathwe phantsi kweemeko ezithile.

Nangona nje ngabemi abanoxanduva wonke umntu kufuneka afunde kwaye aqhelane namaxwebhu oMthetho kaMasipala waManzi, anobude, kwaye abandakanya isigama sobugcisa nesomthetho. Ngoko ke sidibanise esi sikhokelo sisebenziseka lula nesishwankathelayo sisenza lula izibonelelo eziphambili zomthetho kaMasipala waManzi, kodwa asithathi indawo yawo. Sinamacandelo ahlukeneyo enzelwe abafundi abahlukeneyo. Siyakhuthaza ukuba ufunde icandelo lokuqala 'Into ekufuneka wonke umntu ayazi' emva koko utyhile incwadana ukuze ubone ukuba amanye amacandelo ayasebenza nakuwe na.

Sinthemba lokuba uza kusifumana esi sishwankathelo siluncedo.

An illustration of a woman with dark skin and black hair styled in a bun, wearing blue jeans and yellow sneakers. She is holding a white rectangular sign in front of her. The background features a blue sky at the top, a white area with grey mountain silhouettes in the middle, and a green grassy field at the bottom. The sign contains text in isiXhosa and a website URL.

Nceda uqaphele ukuba uMthetho
kaMasipala waManzi opheleleyo
ka2010 kunye neziLungiso
zoMthetho kaMasipala waManzi
ka2018 inokujongwa kunye / okanye
ifunyanwe apha ku:

**[www.capetown.gov.za/
waterregulations](http://www.capetown.gov.za/waterregulations)**

INTO EKUFUNEKA WONKE UMNTU AYAZI

Ukusebenzisa amanzi kwisiXeko saseKapa



✘ Aluvumelekanga uqhagamshelo olungagunyaziswanga kwinkqubo yonikezelo lwamanzi esiXeko, nanjengoko oku kuthathwa nje ngobusela kwaye xa uthu wabanjwa, uya kufumana isohlwayo ube usenoxanduva lokuhlawula amanzi asetyenzisiweyo sibe isiXeko singathatha amanye amanyathelo omthetho siphinde senze ibango elongezelelweyo lomnakalo.



✘ Akuvumelekanga ukuthengiswa kwamanzi okusela kamasipala. Nangona kunjalo, abanini bomhlaba bavunyelwe ukuhlawulisa abaqeshi ngamanzi abawasebenzisileyo kwizakhiwo zabo, ngokuhambelana nemirhumo yokusebenzisa amanzi yesiXeko.



✘ Ayivumelekanga inkcitho nokungahoywa kwamanzi. Nakuphi na ukuvuza okwaziyo okanye kwisakhiwo sakho, okanye kwisakhiwo ohlala kuso, kufuneka kulungiswe ngokukhawuleza. Ukuba ubona ukuvuza kwenye indawo, umz. esitalatweni, nceda ukuxelele.

Jonga iqweqwe elingasemva lale ncwadana ngamajelo okunika ingxelo.

limeko zonikezelo lwamanzi



✘ Akuvumelekanga ukuphazamisana nenkqubo yonikezelo lwamanzi esiXeko, iimitha imibhobho okanye izitamkoko nangayiphi na iindlela, ngaphandle kokuba ugunyaziselwe ukwenza oko. Ukudibanisa iimpompo ngqo kwinkqubo kamasipala akuvumelekanga.



ISixeko asinakuqinisekisa ngokugcina ifuthe lamanzi okanye isantya sokuhamba kwamanzi. Ngamanye amaxesha ifuthe lamanzi liyehla okanye amanzi avalwe, umz. xa kulungiswa imibhobho. Nangona kunjalo, ukuba awunamanzi ngaphezulu kweeyure ezingama 24, isiXeko siyakwenza konke okusemandleni ukukubonelela ngamanzi.



Xa unikezelo lwamanzi kwisiXeko luphantsi (umz. kwimbalela), kuya kufuneka unciphise ukusebenzisa amanzi. Nabani na osilelayo ekusebenziseni amanzi amancinci ngala maxesha okuthintelwa kokusetyenziswa kwamanzi angafumana isohlwayo okanye avalelwe.

Ukusebenzisa amanye amanzi



✘ Awukho omnye umthombo wamanzi onokusetyenziselwa ukusela, ukupheka (kanye nokulungiselela ukupheka) okanye izindlu zangasese (ukuhlamba umzimba) ngenxa yemingcipheko enokubakho empilweni. Ngamanzi okusela kamasipala kuphela anokusetyenziselwa ezi njongo. Abangachaphazelekiyo koku ngabathengi abakhulu abambalwa kuphela abenze isivumelwano nesiXeko sokuba basebenze njengabaLawuli beeNkonzo zaManzi, phantsi kweendlela ezingqongqo kunye nemiqathango.



Lonke ufakelo lweenkqubo ezisebenzisa naluphi na uhlobo lwamanzi angamanye - amanzi amdaka asetyenzisiweyo, amanzi aphantsi komhlaba, amanzi emvula njalo njalo, ngakumbi ezo kujongwe ukuba ziqhagamshelwe kunxibelelwano lwamanzi eSixeko - **kufuneka ziphunyezwe sisiXeko.**



Olunye uhlobo lwamanzi lungasetyenziselwa ukugungxula kwizindlu zangasese kunye neminye imisebenzi embalwa evumelekileyo. Kodwa kufuneka kuthathwe amanyathelo athile, ingakumbi ukuqinisekisa ukuba akungcoliseki amanzi okusela kwisakhiwo sakho okanye kunikezelo lwamanzi. Isithinteli esiphunyeziweyo sokuthintela ukubuyela emva kwamanzi kufuneka sifakwe.

Ngolwazi oluthe vetshe jonga isikhokelo sokufakwa kweenkqubo zamanzi ezizezinye, tyelela ku <https://bit.ly/CCT-IAWS-Xhosa>.

Amanzi angaphantsi komhlaba kunye namanzi angaphezulu komhlaba

Kufuneka unike isiXeko iiveki ezimbini phambi kokuba ucwangcise ukomba umngxuma wokutsala amanzi, iqula okanye umthombo. (Qaphela ukuba isigunyaziso sinokufuneka kwiSebe laManzi noGutyulo sokusebenzisa amanzi angaphantsi komhlaba, ngokuxhomekeke kwizinto ezinje ngobuninzi bamanzi asetyenzisiweyo, esetyenziselwa ntoni njl.njl.).

Ukuba usebenzisa umngxuma wokutsala amanzi okanye umthombo wamanzi kufuneka kufakwe imitha/iimitha zokuchaza isixa samanzi asetyenzisiweyo.

Ukuba ufuna ukusebenzisa amanzi emifula, imilambo, amadama okanye amachibi kufuneka ufumane isigunyaziso kwiSebe laManzi noGutyulo.

Ngolwazi oluthe vetshe, jonga isikhokelo sokufakwa kweenkqubo zamanzi ezizezinye ku <https://bit.ly/CCT-IAWS-Xhosa>.

Ubusazi na?

Akuvumelekanga ukunkcenkceshela phakathi kwentsimbi ye 9 kusasa neye 6 ngokuhlwa iigadi, amabala, iipaki okanye nayiphi na indawo enengca.

Akuvumelekanga ukutshiza ngombhobho kwiindawo ezinepeyivingi okanye eziqinileyo kusetyenziswa amanzi kamasipala .

Xa amanqanaba okuthintela ukusetyenziswa kwamanzi evuma, **imibhobho esetyenziselwa ukucoca izithuthi, izikhephe kunye neekharavani kufuneka zifakelwe isixhobo esizivala ngokwaso** ukuthintela ukumoshwa kwamanzi.

Ukugungxulwa kweelitha ezi 6 ngowona mthamo ophezulu kwitanki langasese elitsha.

lilitha ezisi 7 ngomzuzu **lelona qondo liphezulu lokuphuma kwamanzi** kwiintloko zeeshawara ezintsha.

Zonke **iiphuli zokuqubha** ezisebenzisa amanzi kamasipala kufuneka zigqunywe ngesigqubuthelo esiqinileyo seephuli xa zingasetyenziswa. Izigqubuthelo zeephuli ziyakhuthazwa xa kusetyenziswa amanye amanzi umz. amanzi emvula.



NON DRINKING WATER IN USE.
DO NOT DRINK!
KUSITFENDWA AMANZI ANGEKHOYAYO.
MUSA IKUPHASELA LA MANZI!
HEBONKEKANE WATER IN GEBRUIK.
MOENIE DRINK NIE!

Nceda uqaphele ukuba unoxanduva lwazo zonke iziphumo ezihambelana nokusebenzisa nawaphi na amanzi angekho semgangathweni wokuselwa anikezelwa sisiXeko.

ABANINI BEZAKHIWO

Uthenga umzi?

Umzi wakho omtsha kufuneka uwafumane amanzi ngombhobho onemitha kamasipala efakwe sisiXeko. Luxanduva lwakho ukuba unxibelelane nesiXeko ukuze ufake isicelo sokuba ifakwe. Jonga iqweqwe elingasemva ngeenkukacha zonxibelelwano.



Isakhiwo esinezindlu ezininzi

Kufuneka ufake ivalvu yendlu nganye (istamkoko) kunye neyiphi phakathi kwemitha encinci, isixhobo sokulawula amanzi okanye imitha yombane wekhadi kwindlu nganye, ngeendleko zakho.


Ukugcinwa kwamanzi

Olu hlobo lulandelayo lwezakhiwo kufuneka lugcine amanzi amancinci aza kusetyenziswa xa amanzi engekho, ngaphezulu kwamanzi agcinelwe ukucima umlilo kunye nomoya opholileyo:

- Izibhedlela, iiklinikhi, amakhaya emilwelwe, amakhaya abantu abadala kunye nezinye izakhiwo apho abahlali bengenakususwa ngokulula khona ukuba unikezelo lwamanzi lungaphazanyiswa.
- Amaziko emfundo
- Iihotele, izindlu eziqeshisayo, kunye neehostele
- Abalungisa iinwele noogqirha bamazinyo
- Amashishini nemizi mveliso (ukulungiselela imveliso)
- Izindlu zokuhlala ezikwimigangatho emininzi (iiflethi, iibhloko zendawo yokuhlala) ezigqitha imigangatho emi 3
- Iindawo zorhwebo kubandakanya iivenkile, iivenkile ezinkulu kunye neeofisi



Ukuba unetanki lokugcina amanzi kwisakhiwo sakho, kufuneka amanzi achithwe, lihlolwe ukuze kubulawe iintsholongwane rhoqo kwiminyaka emihlanu ngeenjongo zococeko. Nceda uqaphele kwakhona: itanki lakho lokugcina kufuneka limelane nokukhanya kweultra-violet (UV) ukuze lingonakaliswa lilanga kwaye ukukhula kwengubo yesele (algae) kuthintelwe.



Ukufakelwa kunye notshintsho kwiinkqubo zamanzi ashushu

Ukuba uyatshintsha, ufakela enye okanye ufakela igiza entsha, impompo yobushushu, inkqubo yesola yokufudumeza amanzi ngelanga okanye nasiphi na isixhobo /izixhobo ezikhuselayo, kufuneka wazise isiXeko. Jonga iqweqwe elingasemva ngeenkukacha zonxibelelwano.

Ufakela enye inkqubo yamanzi?

Wonke umsebenzi wofakelo lwemibhobho yamanzi mawenziwe yiplamba ekuqeqeshelweyo oko, kwaye kufuneka ithobele imiqathango yeSANS kwaye iplamba ebhaliswe kwisiXeko kufuneka ikhuphe isiQinisekiso sokuPhunyezwa kofakelo lokugqibela okanye naluphi na utshintsho kulo.

Ukuba ufaka umthombo wamanzi, umngxuma wokutsala amanzi okanye nayiphi na enye inkqubo esetyenziswayo yokutsala amanzi phantsi komhlaba, kufuneka uyibhalise kwisiXeko. Emva kokuba ibhalisiwe, luxanduva lwakho ukusebenzisa amanzi ngenkathalo.

Ukufumana iplamba ebhaliswe kwisiXeko, kunye nezikhokelo ezineenkukacha zokufakwa kwezinye iindlela zamanzi ndwendwela ku <https://bit.ly/CCT-IAWS-Xhosa>.

Uthengisa isakhiwo sakho?

Phambi kokuba uthengise isakhiwo sakho, kufuneka ufumane iplamba ebhaliswe kwisiXeko ize kuhlola ufakelo lwakho lwemibhobho yamanzi kwaye ikhuphe isiQinisekiso esibizwa ngokuba yiCertificate of Compliance (CoC) ukuba imithetho yamanzi ithotyelwe. Qaphela ukuba iCoC kufuneka inikwe igqwetha elisayinayo xa kuthengiswa indlu ukuze igqwetha lisingenise kwisiXeko ku **certificateofcompliance@capetown.gov.za**.

Tyelela ku **www.capetown.gov.za/thinkwater** ukufumana uluhlu lweeplamba ezibhalisiweyo sisiXeko.





Ubusazi na?

Lonke ufakelo lothintelo lomlilo olubandakanya imibhobho yokucima umlilo, izixhobo zokucima umlilo, izicimi mlilo kunye nezitshizi zomlilo kwisakhiwo sakho kufuneka ziphunyezwe liSebe loMlilo leSixeko - tyelela ku www.capetown.gov.za/FireandRescue ukufumana isiQinisekiso sokuPhunyezwa.

Ukuba unemibhobho engalunganga okanye ukuvuza kwamanzi kwisakhiwo sakho, unoxanduva lokuyilungisa ngokukhawuleza emva kokuba uqaphele ilahleko yamanzi. (Qaphela ukuba amaxesha amaninzi akululanga ukubona ukuvuza umz. ukuba kungaphantsi komhlaba jonga intshukumo kwimitha yakho rhoqo ukuze wazi ngokuvuza). Ukuba awukulungisi ukuvuza okwaziyo, iSixeko siya kukhupha isohlwayo, sikuhlwalulise ngamanzi amoshakeleyo kwaye sicuthe unikezelo lwakho lwamanzi. Jonga isikhokelo sokufumana kunye nokulungisa ukuvuza ku www.capetown.gov.za/thinkwater.

IsiXeko asinakuqinisekisa ngokugcina ifuthe lamanzi elithile okanye inqanaba lokuhamba kwamanzi kwisakhiwo sakho. Ifuthe lamanzi akho linokwehla okanye unikezelo lwakho lunokuyekiswa ngokupheleleyo ngenxa yezizathu ezahlukeneyo umz. unonophelo olusengingqini.

IsiXeko siya kulunqumamisa okanye sicuthe unikezelo lwamanzi akho ukuba awulihlawuli ityala lakho lamanzi. Nangona kunjalo, isiXeko siya kukunika isaziso ngaphambi kokuba senze njalo, kwaye siya kuwavula amanzi xa uhlawule okanye wenze amalungiselelo okuhlalwula ityala lakho. **QAPHELA:** ISixeko siya kuhlwalulisa xa kuvalwa naxa kuvulwa unikezelo lwamanzi.

Ukuba ukrokrela ukuba usetyenziso lwakho lwamanzi luphezulu kakhulu, qala ujonge ukuba akhukho kuvuza na. Ukuba akukufumani ukuvuza ube ukrokrela ukuba imitha inesiphene, ungakuxela oko uze ucele ukuhlololwa, uphinde ufake isicelo sokuvavanya kwemitha. Qaphela ukuba ukuvavanya kwemitha kuyahlawulelwa nakwawaphi na amaZiko esiXeko oNxibelelwano avuleleke kuluntu. Jonga uluhlu lwala maziko ku www.capetown.gov.za/facilities.

IPLAMBA

Ukubhalisa kwisiXeko

Ukuba uwufundele umsebenzi kwaye uqinisekisiwe ngokwemigaqo yeNational Qualifications Framework Act ka 2008, ungabhalisa kwiSixeko. Ziiplamba ezibhaliswe kwisiXeko kuphela ezinokukhupha iziQinisekiso ezibizwa ngokuba ziCertificates of Compliance/Approval.

Ukubhalisa, tsalela umnxeba ku 0860 103 089, okanye imeyila ku certificateofcompliance@capetown.gov.za.

Uxanduva lwakho nje ngeplamba ebhalisiweyo

Ukuba ubhalisile kwisiXeko, wonke umsebenzi wokulungisa imibhobho yamanzi owenziwe nguwe - okanye nabani na ophantsi kweliso lakho - kufuneka athobele iMithetho kaMasipala yaManzi. Uyacelwa ukuba ungenise la maxwebhu alandelayo ku certificateofcompliance@capetown.gov.za:

- IziQinisekiso zokuThobela zokutshintshwa kobunini besakhiwo.
- IziQinisekiso zokuPhunyezwa kofakelo lwamanzi olutsha okanye olutshintshiweyo.
- IziQinisekiso zokuPhunyezwa kokusetyenziswa kunye nokufakelwa kwezinye iinkqubo zamanzi, okanye naluphi na utshintsho kufakelo.





Awunasiqinisekiso somsebenzi?

Ukuba akuwufundelanga umsebenzi kwaye akuqinisekiswa ngokwemigaqo yeNational Qualifications Framework Act ka 2008, awuvumelekanga ukwenza nawuphi na umsebenzi kule ilandelayo, ngaphandle kokuba usebenza phantsi kweplamba ebhalisiweyo:

- ukutshintsha izishushubezi zamanzi ezingasukiyo (iigiza, iimpompo zobushushu okanye iinkqubo zesola) kunye nezixhobo zazo zokukhusela;
- ukuhlola, ukubulala iintsholongwane okanye ukuvavanya ufakelo lwezicima mlilo okanye amatanki okugcina; okanye
- inkonzo, ukufakela enye okanye ukulungisa izixhobo ezithintela ukubuyela emva kwamanzi.

Unokwenza umsebenzi wofakelo lwamanzi olutsha okanye olutshintshiweyo okanye kufakelo (okanye utshintsho) lwezinye iinkqubo zamanzi ezifuna isiQinisekiso sokuPhunyezwa (iCoA), kodwa phantsi kweliso leplamba ebhalisiweyo kuphela yona ekufuneka ityikitye iCoA. Nangona kunjalo, ziiplamba ezibhalisiweyo ezinokwenza lo msebenzi zibe sele zityikitya isiQinisekiso esibizwa ngokuba siCertificate of Compliance sokutshintsha ubunini besakhiwo.

Ubusazi na?

IsiXeko singalurhoxisa ubhaliso kwaye sisisuse iiplamba kuluhlu lwesiXeko ukuba ziyasilela ekuthobeleni iimfuno zoMthetho kaMasipala. Oku kuyakwenzeka kwakhona ukuba ukhuphe ngobuxoki okanye ngokulahlekisa iziQinisekiso ezibizwa ngokuba ziCertificates of Compliance/Approval okanye uvumele ukuba iinkcukacha zakho zobhaliso zisetyenziswe ngobuqhetseba.


IINGCALI KWEZOKWAKHA

Uphuhliso olutsha kunye nezongezelelo

Lonke uphuhliso olutsha kunye naluphi na ulongezelelo / ulungiso lwezakhiwo kufuneka lubandakanye ukufakelwa kweenkqubo zondolozo lwamanzi okanye ezinye iindlela zokuvelisa amanzi (umz. ukusetyenziswa kwakhona kwamanzi ebekhe asetyenziswa, kwamanzi aphantsi komhlaba okanye ukuqokelelwa nokugcinwa kwamanzi emvula) oko kukuthi iinkqubo zamanzi angaselwayo alungele imisebenzi efana nokugungxula indlu yangasese, ukunkcenceshela, ukugcwalisa iphuli yokudada njl.njl. Kufuneka ufake iinkcukacha ezipheleleyo zezicwangciso zakho zokwakha xa uzingenisela ukuphunyezwa.

Uluhlu lwemiqathango yolondolozo lwamanzi lufumaneka kwiShedyuli 1 yoMthetho kaMasipala waManzi oLungisiweyo.

Ngolwazi oluthe vetshe, jonga isikhokelo sokufakwa kweenkqubo zamanzi ezizezinye ku <https://bit.ly/CCT-IAWS-Xhosa>.



Kufuneka ufake ntoni kwimizobo yakho

Ukuba ufakelo lwamanzi luyafana kwimigangatho emininzi yesakhiwo, kufuneka uzobe kube kanye. Nangona kunjalo, ukuba ucwangcisa ukufaka iinkqubo ezahlukeneyo zamanzi kwimigangatho emininzi, kufuneka ubonise oku kwimizobo yakho.

Umzobo ngamnye owugqibileyo kufuneka ubandakanye itheyibhuli ebonisa ukuba zingaphi izixhobo zokulinganisa amanzi ezikhoyo kwaye buya kuba ngakanani ubukhulu bazo.



IPLAMBA, ABAKHI KUNYE NEENGCALI KWEZOKWAKHA

Ukufakelwa kwamanzi

Zonke izenzo zofakelo lwamanzi, amagongqo amanzi ashushu, iiphaneli zeenkqubo zelanga, iimpompo zobushushu kunye namatanki amanzi kufuneka zithobele imiqathango yeSANS.

Kuya kufuneka uphinde uqinisekise ukuba kusetyenziswa iivalvu ezingabuyiseli emva amanzi kufakelo lwamanzi. Iivalvu zokucutha ifuthe ezibizwa ngokuba ziiReduced Pressure Zone (RPZ) ezifakwa ngaphezulu komhlaba zisetyenziselwa ukuthintela ukubuyela emva kwezinye iinkqubo zamanzi. Ezi valvu kufuneka zifakwe kanye emva kwevalvu yokwahlula isakhiwo ngasinye (istamkoko).

Ngolwazi oluthe vetshe, jonga isikhokelo sokufakwa kweenkqubo zamanzi ezizezinye ku <https://bit.ly/CCT-IAWS-Xhosa>.

Iimitha zamanzi zesiXeko

Nje ngoko usenokuba uyazi kakuhle, onke amanzi asetyenziswa kwinkqubo yesiXeko yobonelelo lwamanzi kufuneka agqithe kwimitha yamanzi. Awuvumelekanga ukuba uthintele imitha yamanzi okanye wophule isiciko sayo; sisiXeko kuphela kunye neekontraki eziqeshwe siso ezinokusebenza kwezi mitha.

Iivalvu zesiXeko zokwahlula

Awuvumelekanga ukuba uphazamisane neevalvu ezahlukanisayo zesiXeko ngaphandle kokuba isiXeko sikunike imvume yokwenza njalo. Xa ucela imvume yokususa okanye yokulungisa ivalvu yokwahlula, nceda unxibelelane nesiXeko.



Ubusazi na?

Iindawo zokuhlambela izandla zoluntu kufuneka zifakelwe iimpompo zohlobo olufunwayo, kwaye neeshawari zoluntu kufuneka zifakelwe iivalvu zohlobo olufunwayo.

Iimpompo ezimi ngaphandle kwezakhiwo ezingahlali mntu kufuneka zibe noku:

- isixhobo esizivala ngokwaso;
- isibambo esisuswayo;
- isixhobo sokutshixa ukuthintela ukusetyenziswa okungagunyaziswa-nga; okanye;
- uhlobo oluqingqa umyinge wamanzi asetyenziswayo kumjikelo ngamnye.

Awuvumelekanga ukufakela iinkqubo ezizigungxulela umchamo ngokwazo nanini na. Zonke iindawo zokuchamela kufuneka zifakwe iinkqubo zokugungxula ngesandla, iinkqubo ezizigungxulelayo ezizigungxula kuphela emva kokuba indawo yokuchama isentyenzisiwe okanye iinkqubo ezingasebenzisi manzi ezigcinwe kakuhle.

Yonke imibhobho kunye nezixhobo zamanzi ozisebenzisayo kufuneka zithobele imigaqo efanelekileyo yeSANS. Jonga iShedyuli 2 yoMthetho kaMasipala malunga nokusetyenziswa kwekhopa, iplastiki, intsimbi kunye nemibhobho ezezinye iindidi.



Ngayo nayiphi na imibuzo malunga noMthetho kaMasipala waManzi, nezicelo ezinxulumene namanzi nelindle kunye nokunika ingxelo, ungaqhagamshelana neSixeko ngalo naliphi na ELINYE lala maqonga:

- Iintanethi ku www.capetown.gov.za/servicerequests
- I-imeyile ku water@capetown.gov.za
- Tsalela umnxeba ku **0860 103 089**
- Tyelela amaZiko oNxibelelwano lwabaXumi - ngoluhlu olupheleleyo, jonga ku www.capetown.gov.za/facilities

Sebenzisa elinye lala maqonga onxibelelwano ukuze ufumane impendulo ekhawulezileyo kwaye ufune inombolo yereferensi rhoqo.

Meyi 2019. Nceda uqaphele ukuba uMthetho kaMasipala waManzi unokuhlaziywa kwixesha elizayo. Ukuhlaziywa kuya kuba kho kwiwebhusayithi yesiXeko ku www.capetown.gov.za/waterregulations.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.